ISIXHOSA FIRST LANGUAGE HG PAPER 3

ICANDELO A

Eli licandelo lezincoko. Abafundi mabafundiswe ukufunda umbuzo ngononophelo baqonde kakuhle ukuba kufunwa ntoni na kanye kwezo zincoko bazikhethayo.

Kukho ingozi eyenziwa ngabafundi yokufunda nje amagama okuqala embuzweni azigqibezelele ngokwakhe into acinga ukuba ibuzwa ngumbuzo, aphume mpela ke emxholweni. Kwisincoko sesigwebo sentambo akubuzwanga ukuba masibuye na okanye hayi koko ucelwe ukuba ube ngathi ukwigumbi lokulindela isigwebo sentambo, ubhale indlela oziva ngayo nezinto ozicingayo , kodwa abafundi basuke bahlomla kanobom ngesigwebo sentambo gabalala.

ICANDELO B

Uninzi lwabo lukwazile ukuzilungisa iimposiso ebezikwileta yokuqala nangona ikho imbinana eyoyisakele mpela ingakumbi kwimo yeleta. Ootitshala makhe bagxininise ekubaqeqesheni kwimo ukuze baphume kwindlela yokubhala yakudala.

ICANDELO C

Abafundi bayaphuma kakhulu emxholweni . Abakwazi ukwenza umahluko phakathi kwendlela yokubhala ingxoxo nentetho .

ICANDELO D

Litsha eli candelo kubo, liyafuna ukuba kubekho izikhokelo abazifumanayo ngalo abafundi bakwa-ABET. Nangona kunjalo bazamile kakhulu ukubhala apha . Benze kakuhle kakhulu kwimiyalelo ye -ATM. Eyona nto babalasele kuyo kukukwazi ukuqweba isigama esitsha nesivakalayo kulo msebenzi bebewenza . Ootitshala mabakhe bazame ukuhamba oomasifundisane ukuze bakwazi ukumelana ne -FET neenkqubo zayo.

ICANDELO E

Azaziwa kwaphela iincwadi. Ufumanisa ukuba kumnyama thsu kwabanye kuba xa kusithiwa makacaphule kuZotwana akaqondi nokuba nguyena mbhali wencwadi kusini na, usuke amenze omnye wabalinganiswa. Umfundi usuke abhale ngawakhe amava ngoku umbuzo usithi makangqiyame ngencwadi .

Bazamile ukubhala kakuhle kumbuzo wochasaniso lwamaqhina neentsomi, esibona ukuba ngenene amava abo abancedile kulo umbuzo. Ezintsomini balahleka mpela kuba baziqwebela ezabo iintsomi, baphume mpela kumxholo osencwadini.

Elokugqiba, iSebe leMfundo leNtshona Koloni malingenelele ekukhathazeni ukuba abafundi bakwa-ABET ababhalisele loo nyaka kubekho indlela ethile yokuba kunyanzeliswe ukuba bahambe iiklasi zabo, kuqinisekiswe ukuba ukuphela konyaka bayabhala, umfundi ongabhalanga ngaphandle kwesizathu esibambekayo makatyityinjiselwe umnwe .

Makubekho indlela yokuba babhaliswe iimvavanyo ezifanayo (*Common Paper*) kwikota nganye ngohlobo oluza kwenza ukuba kubekho indlela yokulawula umsebenzi owenziwa ngootitshala .

Makutyunjwe umntu oza kuhlawulwa ajongane nokuqwalasela ukuba amaphepha lawo asemgangathweni ofanelekileyo. Amaphepha abo eemviwo eklasi ezingezantsi makaye kujongwa kwii-EMDC ukuze sifumane abafundi bebakala 12 abaqoqekileyo.